



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2019

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA 3

AMANQAKU: 100

IXESHA: liyure 2½



Olu viwo lunamaphepha ama-5.

IMYALELO NENGACISO

1. Eii phepha LINAMACANDELO AMABINI:

ICANDELO A: Izincoko (50)	ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)
------------------------------	---
2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emIBINI kwiCANDELO B.

QAPHELA: Abaviva kulindeleke ukuba baphendule imibuzo emIBINI
3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.

Qala icandelo NGALINYE kwiphapha ELITSHA.
4. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njl.njl.), uhlele uze uwfundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.
6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrawele umgca onqumlayo kuyilo lonke.
7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-80
 ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-70 (2 x 35)
8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngenjela ekunonjolwe ngayo.
9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.
10. Bhala ngokucoccekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390.

- 1.1 Ndaqonda ukuba ukuzenza akufani nokwenziwa. [50]
- 1.2 Ubutyebi obububo kukunikela eluntwini. [50]
- 1.3 Iqaqa aliziva kunuka. [50]
- 1.4 Izinto endingazenza njengoMphathi sikhululo samapolisa kwingingqi yam ukusiphula neengcambu ubundlobongela obugqubayo. [50]
- 1.5 Ifuthe lentsukaphi kwintsingaphi yomntu. [50]
- 1.6 Ingqondo ephaphileyo ihambelana nomzimba odlamkileyo. [50]
- 1.7 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



[Ucatshulwe kwi-intanethi www.images.com waza wahlelwa]

[50]

1.7.2



[50] [Ucatshulwe kwi-intanethi www.images.com waza wahlelwa]

AMANGAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

UMBUZO 2**2.1 ILETA YASEBURHULUMENTENI**

Bhalela uManejala wesikhululo sikanomathotholo weZwelonke, uncome indima edlalwa sisikhululo eso ekusasazeni iinkqubo zezifundo zabafundi bebanga leshumi elinambini.

[25]**2.2 ILETA YOBUHLOBO**

Bhala ileta eya kumhlobo wakho umkhuthaze ukuba angabinamtha wedolo kuba ekhutshiwe ukuba adlalele iqela lokuqala lebhola ekhatywayo.

[25]**2.3 UDLIWANO NDLEBE**

Bhala udliwano ndlebe oluphakathi kwakho nembongi ephume izandla.

[25]**2.4 I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari yomntu omaziyo.

[25]**2.5 INTETHO ESESIKWENI**

Bhala intetho esesikweni oza kuyenza kubafundi besikolo sakho emalunga nenkcubeko yesiXhosa.

[25]**2.6 I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO**

UnguNobhala wekomiti yekwayara eza kuthatha uhambo oluya phesheya kolwandle. Bhala i-ajenda nemizuzu yentlanganiso eza kuqulunqa olu hambo.

[25]

AMANQAKU ECANDELO B: 50
AMANQAKU EWONKE: 100

